## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 C Kwezoqoqosho√ / C√ / Kwezoqoqosho√ (1)

1.2 B Bube mnandi √/ B√ / Bube mnandi√ (1)

1.3 Ukuba nolwazi lwezinto ezininzi √√/ ukwazi gabalala √√/ ukuzixhobisa ngolwazi. √√
(Nayiphi impendulo evakalayo yamkelekile) (2)

1.4 Yibhajethi√/ bhajethi√ B √ (1)

1.5 Bubuxoki / asiyonyani. √ Kucetyiswa ukuba izigqibo ozithabathileyo ezichaphazela ibhajethi yakho zilandele. √ (2)

1.6 Ukuba sengxakini okanye entweni ongakwaziyo ukuphuma kuyo. √√ (2)

1.7 Eyokuqala ungayifaka ebhankini/ Eyokuqala ungayigcina ebhankini√
Eyesibini ungayizalisa ukuze ikunike inzuzo. √ (2)

1.8 Ewe / Kulungile ukuthenga ngetyala xa ufuna ukuthenga into kodwa ungenayo imali ngelo xesha. √√ (Nayiphi impendulo evakalayo yamkelekile)
OKANYE
Hayi / akulunganga kuba ushiyeka noxanduva lokubhatala ityala lento owayithenga kudala.√√ (Nayiphi impendulo evakalayo yamkelekile) (2)

1.9 Kucetyiswa ukuba wenze uphando ngeebhanki ezahlukeneyo malunga neenkonzo ezinikezela ngazo. √√ (2)

1.10 Imali yokuvula i-akhawunti iqala kwi-R10 ukuya kuma-R500. √√ (2)

1.11 Transmishini √/ i-akhawunti yokugcina imali √/ i-akhawunti yoMzantsi √/ i-akhawunti yetshekhi. √
(Nasiphi isi-3) (3)

1.12 Iibhanki zibolekisa ngemali √ / Zinceda abafundi bakwazi ukubhatala esikolweni √ / abafuna ukuthenga izindlu √/ Abantu bayakwazi ukusebenzisa imali abangenayo (overdraft) √
(Nasiphi isi-2) (2)

1.13 Personal Identification Number √ (1)

1.14 Akukho mfuneko yakulinda emgceni; awuyi bhankini okanye kwi-ATM. √√ / Iyakhawuleza kwaye ikhuselekile; ubhankisha nanini na naphi na.√√ (Nasiphi isibini esichanekileyo samkelekile) (2)

1.15 Thenga i-airtime√ / jonga ukuba unamalini √/ khupha imali kwenye i-akhawunti uyifake kwenye √/ unako ukuhlawula amatyala. √
(Nasiphi isi-3) (3)

1.16 Ungayixeleli mntu inombolo yakho eyimfihlo. √√ / Kukuxelela umntu inombolo yakho eyimfihlo. √√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

### Ulwimi

Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:

- **Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.**
- **Amanqaku ama-3 olwimi.**
- **Izohlwayo:**

▪ Xa umlingwa engabhalanga isishwankathelo ngemo elindelekileyo, uza kunyityelwa amanqaku ngokuthabatha inqaku libe linye kumanqaku ewonke anikiweyo.

▪ Xa umlingwa ecaphule **izivakalisi ezipheleleyo** ngobunjalo bazo, kuya kuthatyathwa amanqaku ngolu hlobo:

  ❖ 1 – 3 izivakalisi: akuthatyathwa manqaku.
  ❖ 4 – 5 izivakalisi: thabatha 1 inqaku.
  ❖ 6 – 7 izivakalisi: thabatha 2 amanqaku.

▪ Kwiziphene zolwimi (upelo, iziphumlisi negrama): thabatha kumanqaku amathathu abelwe ulwimi ngolu hlobo:

  ❖ Iziphene ukusuka ku-0 – 4 akuthatyathwa manqaku.
  ❖ Iziphene ezi-5 – 10 thabatha inqaku eli-1.
  ❖ Iziphene ezi-11 – 15 thabatha amanqaku ama-2.
  ❖ Iziphene ezi-16 nangaphezulu thabatha amanqaku ama-3.

▪ Ukuthintela ukuba umvavanywa angafumani amanqaku amaninzi kulwimi ngaphezu kwawesishwankathelo, amanqaku olwimi makabiwe ngolu hlobo lulandelayo:-

  ❖ Inqaku eli-1 lolwimi malinikwe ngengongoma e-1 ukuya kwezi-3 ezichanekileyo.
  ❖ Amanqaku ama-2 olwimi makanikwe ngeengongoma ezi-4 ukuya kwezi-5 ezichanekileyo.
  ❖ Amanqaku ama-3 olwimi makanikwe ngeengongoma ezi-6 ukuya kwezi-7 ezichanekileyo.

▪ Thabatha inqaku elinye kumanqaku ewonke owanikileyo kwiingongoma nokusetyenziswa kolwimi xa kungabhalwanga okanye kubhalwe inani elingelilo lamagama esishwankathelo.

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronimi mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

Nanga amanyathelo ekufuneka uwalandele xa ushwankathela:

- Nyathela kwiingongoma eziphambili usebenzisa awakho amazwi.
- Shwankathela ngeengongoma ezisixhenxe.
- Shwankathela ungadluli kumagama angama-50 ukuya kuma-60.
- Sebenzisa ulwimi olusulungekileyo.
- Bhala usebenzisa izivakalisi ezipheleleyo.
- Upelo, iziphumlisi, ulwahlulo lwamagama malujongwe.

Impatho gadalala yamabhinqa

- Liphakamile izinga lempatho gadalala eMzantsi Afrika.
- Ngokophando kudlwengulwa kubulawe ibhinqa emva kwemizuzwana engama-26.
- Amadoda aqala awakhathalele amabhinqa azive onwabile.
- Abafazi bazama ukuyigcina le meko ihlale injalo.
- Ukusetyenziswa kotywala, iziyobisi, ubukhwele nesifo uGawulayo kunegalelo kwimpatho-mbi yamabhinqa.
- Amabhinqa awayixeli le mpatho gadalala emapoliseni kuba esoyikisela ukushiywa odwa engenamncedi.
- Amabhinqa mawathethe xa ephethwe gadalala aye kooNontlalontle.

**OKANYE**

Liphakamile izinga lempatho gadalala eMzantsi Afrika. Ngokophando kudlwengulwa kubulawe ibhinqa emva kwemizuzwana. Amadoda aqala awakhathalele amabhinqa azive onwabile. Abafazi bazama ukuyigcina le meko ihlale injalo. Ukusetyenziswa kotywala, iziyobisi, ubukhwele nesifo uGawulayo kunegalelo kwimpatho-mbi yamabhinqa. Amabhinqa awayixeli le mpatho gadalala emapoliseni kuba esoyikisela ukushiywa odwa engenamncedi. Amabhinqa mawathethe xa ephethwe gadalala aye kooNontlalontle.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3

### ITEKISI A

3.1 Ukuze ibonakale kakuhle kubathengi, bayithenge. √ (1)

3.2 UZuma uthetha ngeenkomo, abafazi nocalulo. √√ (2)

3.3 Bonke; isimelabizo soquko √√ (2)

3.4 Yokugcina/yokulondoloza. √ (1)

3.5 Isibizo silandela emva kwesimelabizo sokwalatha. √√ (2)
**[8]**

### UMBUZO 4

### ITEKISI B

4.1 A Kusetyenziswe ulwimi oluqhathayo nobaxo √ / A√ / Kusetyenziswe ulwimi oluqhathayo nobaxo.√ (1)

4.2 Ukuncoma. √√ (2)

4.3 0800 204 841 √ (1)

4.4 ... ngumgubo wakho wokuhlamba oyintandane ngexabiso elihle kakhulu. √ (1)
**[5]**

### UMBUZO 5

5.1 5.1.1 Bamhlabe kakubi emqolo bemkhuthuza iselfowuni. √√ (2)

5.1.2 Ibe ngundaba-mlonyeni into yokubhubha kwenkokheli ye-AWB. √√ (2)

5.1.3 Sisimanga esi sokungafunwa kwabantu bamanye amazwe kweli. √√ (2)

5. 2 Bahambe belila endleleni egodukayo. √ / Bahambe belila ezindleleni ezigodukayo.√ (1)

5.3 Ibala abadlalela kulo abafundi likude. √
Ibala lale jezi limhlophe qhwa ngathi intsha. √
Tshayela ibala rhoqo kusasa ukuze ikhaya lakho libukeke. √
(Umfundi angazakhela ezakhe izivakalisi ephuhlisa iintsingiselo ezimbini zegama "ibala"). (2)

5.4 5.4.1 Amawele. √ / Oontanga√ (1)

5.4.2 UMafungwashe. √ (1)

5.5 IBafana Bafana ayiyithathi indebe yebhola yeHlabathi kulo nyaka. √ (1)
**[12]**

**UMBUZO 6**

6.1 UJakes ***ugxeka*** umsebenzi wamanina wokukhusela isizwe. √ (1)

6.2 Igama lamakhosikazi liphakanyiswa nguT.D.Jakes / Igama lamakhosikazi liyaphakanyiswa nguT.D.Jakes. √√ (2)

6.3 6.3.1 Isenzeko senzeka macala. √ (1)

6.3.2 Ubukhulu/ubukhulu bento. √ (1)

6.4 UMnumzana√ noNkosikazi. √ (2)

6.5

| **KHOLAM A** | | **KHOLAM B** | |
|---|---|---|---|
| 6.5.1 | Abantwana bayavana | B | Ngamathe nolwimi √ |
| 6.5.2 | Umama akaxakwa ngabantwana bakhe | D | Indlovu ayisindwa ngumboko wayo √ |
| 6.5.3 | Akasuki kuye umthe nca | A | Ukhwekhwe lwexhwili √ |

(3 x 1) (3)
**[10]**

**UMBUZO 7**

| |
|---|
| √Kulo √Mgqibelo uzayo siza kubhiyozela ukubuya konyana wesibini kamama notata uVelaphi. Lo√ mgidi uqala ngentsimbi √ yeshumi kusasa phaya eholweni kwilokishi yaseZwelitsha, litsho eli phetshana√ lesimemo. |

**[5]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## NOVEMBA 2010

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ali-10.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Ulwimi | (40) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.

5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**LONDOLOZA UKUZE UPHUMELELE**

1 Inkululeko yethu yasivulela amathuba okuthabatha inxaxheba kwezoqoqosho. Kubalulekile ukulondoloza imali kuba yenza ubomi bube mnandi. Kufanelekile ukuba sibe nolwazi oluphangaleleyo ngezoqoqosho noshishino ukuze sibe negalelo elilil o kuphuhliso loqoqosho lwelizwe lethu.

2 Zenzele ibhajethi yakho. Yiyo ekuxelela ngendlela oza kuyisebenzisa ngayo imali yakho. Kwibhajethi yakho, thathela ingqalelo iminyaka yakho, imali onayo kuba yiyo ekuxelela ukuba ungalondoloza kangakanani ngenyanga okanye ngeveki. Izigqibo ozithathileyo xa usenza ibhajethi yakho zilandele.

3 Imali ayisetyenziswa nje nakanjani na akukhathaliseki nokuba ininzi kangakanani na. Kubalulekile ukucwangcisa indlela oza kuyisebenzisa ngayo. Ungayisebenzisa ukuhlawula amatyala, ukuthenga ukutya, imali yentlawulo yezithuthi, intlawulo yerenti, imali yokujongana nawe ngexesha likaxakeka. Kananjalo, unokuyisebenzisa ukubhatala amanye amatyala esimana sintyumpantyumpeka kuwo.

4 Xa ulondoloza imali, awucingi kuphela ngeli xesha koko ucingela nexesha elizayo. Zimbini iindlela onokugcina ngazo imali. Eyokuqala, ungayifaka ebhankini xa kungekho ngxaki oza kuyisebenzisela yona. Eyesibini, ungayizalisa iminyaka embalwa ungayikhuphi ukuze ikunike inzuzo.

5 Ziqhelanise nokubhatala ngemali, uyeke ukuthenga ngetyala kwaye uthenge izinto eziyimfuneko nezikuluhlu lwebhajethi yakho. Mininzi ke nemizi-mveliso okanye amaziko esinokulondoloza kuwo imali yethu. Ibhanki lelinye lamaziko alondoloza imali. Ngokuyigcina unokufumana inzuzo kodwa oko kuxhomekeka kwindlela yokulondoloza oyikhethileyo.

6 Siqala phi xa sifuna ukulondoloza imali? Kucetyiswa ukuba wenze uphando ngeebhanki ezahlukeneyo malunga neenkonzo ezinikezela ngazo. Unxibelelwano nentsebenziswano entle phakathi kwabathengi nabasebenzi lubalulekile kakhulu. Khumbula ukuba iibhanki nazo zikushishino ngokuthabatha uxanduva lwakho zikugcinele imali, kumele zihlawulwe ngalo msebenzi.

7 Imali yokuvula i-akhawunti iqala kwi-R10 ukuya kuma-R500. Kuxhomekeka kuhlobo lwe-akhawunti oyivulayo nebhanki oyisebenzisayo. Kuneentlobo-ntlobo zee-akhawunti ezifana neTransmishini, i-akhawunti yokugcina imali, i-akhawunti yoMzantsi, i-akhawunti yetshekhi njalo njalo. Phambi kokuba uvumeleke kunemibandela ekufanele uyizalisekise njengeminyaka, umvuzo, incwadi yesazisi kunye nobuzwe bakho.

8 Iibhanki ziluncedo eluntwini ngokuthi zibolekise ngemali egcinwe kuzo ukuze zenze inzala sikwazi ukufumana inzala. Zinceda abafundi ukuba bakwazi ukuya ezikolweni, zincede abantu abafuna ukuthenga izindlu. Umntu uyakwazi ukuqhubeka esebenzisa imali engenayo eqingqiweyo xa eyakhe ingasekho, apho sekuthethwa nge 'overdraft'. Iibhanki ziyabolekisa kwangale mali ukuze ubani enze izinto ezithe ngqo naye.

9 ITeknoloji yenza impilo yabantu ibe ngcono nangaphezulu kuba awuxhaleli kuvalwa kweebhanki ngoMgqibelo nangeCawe. Uyakwazi ukuyifumana imali kuba kusetyenziswa oomatshini bokukhupha imali ababizwa ngokuba zii-ATM, apha usebenzisa ikhadi lakho nenombolo ye-PIN *iPersonal Identification Number*.

10 Bhankisha ngokulula nokuba uphi, nanini na xa uthanda nge-SMS. Le yindlela ekhawulezayo, ekhuselekileyo nelula. Nabani na oneselfowuni nokuba yeyeyiphi inkampani (uVodacom, uCell C, uMTN, okanye uVirgin Mobile) angabhankisha nge-SMS. Kukunika ithuba lokubhankisha naphi na nanini na xa uthanda. Kuninzi ongakwenza ngokubhankisha nge-SMS. Akukho mfuneko yokuba ulinde emgceni kwaye akukho mfuneko yokuba uye ebhankini okanye kwi-ATM xa ufuna ukubhankisha.

11. Nazi izinto ongazenza ngokubhankisha nge-SMS:

- Ungazithengela i-airtime okanye uthengele omnye umntu.
- Unako ukujonga ukuba unamalini kwi-akhawunti yakho.
- Unako ukukhupha imali kwenye i-akhawunti yakho uyifake kwenye eyeyakho.
- Unako ukuhlawula amatyala akho okanye ufake imali kwi-akhawunti yomnye umntu, xa ezo akhawunti zidityanisiwe.

Ikhuselekile xa ungayixelelanga mntu inombolo yakho eyimfihlo nezinye izinto zokhuseleko ukuze bakwazi ukungena kwi-akhawunti yakho.
Impumelelo ixhomekeke kuwe nasekukwazini ukulondoloza imali.

[Icatshulwe kwi*Bona*, Apreli 2010 yaza yahlelwa]

Jonga kumhlathi 1.

1.1 Inkululeko yethu yasivulela amathuba:

A Kwezolimo
B Kwezopolitiko
C Kwezoqoqosho (1)

1.2 Imali yenza ubomi:

A Bunganyamezeleki.
B Bube mnandi.
C Bube namahla-ndinyuka. (1)

1.3 Nika intsingiselo yeli binzana, '... nolwazi oluphangaleleyo'. (2)

1.4 Jonga kumhlathi 2. Isicwangciso osisebenzisayo esixela indlela oza kusebenzisa ngayo imali onayo kuthiwa ...

A yi-akhawunti.
B yibhajethi.
C yi-ATM. (1)

1.5 Izigqibo ozithathileyo ezichaphazela ibhajethi yakho ziyeke. Ingaba YINYANI okanye BUBUXOKI obo. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.6 Jonga kumhlathi 3. Nika intsingiselo echanekileyo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

1.7 Jonga kumhlathi 4. Nika iindlela eziMBINI zokugcina imali. (2)

1.8 Ingaba ukuthenga ngetyala kuyinto elungileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.9 Jonga kumhlathi 6. Yintoni ekufuneka uyenze kuqala xa ufuna ukulondoloza imali? (2)

1.10 Jonga kumhlathi 7. Ukuvula i-akhawunti ebhankini akubizi kangako. Chonga isivakalisi esixhasa oku. (2)

1.11 Nika iindidi zee-akhawunti zebhanki zibe NTATHU onokuvalela imali kuzo. (3)

1.12 Jonga kumhlathi 8. Ngaphandle kokugcina imali, khankanya izinto zibe MBINI ibhanki eluncedo kuzo. (2)

1.13 Jonga kumhlathi 9. Bhala isifinyezo u-PIN ngamagama apheleleyo. (1)

1.14 Jonga kumhlathi 10. Nika izizathu zibe ZIBINI ezibangela ukuba ukubhankisha nge-SMS kube kokona kulula. (2)

1.15 Xela zibe NTATHU izinto umntu anokuzenza ngokubhankisha nge-SMS. (3)

1.16 Yintoni ekufuneka ungayenzi ukugcina i-akhawunti yakho ikhuselekile? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ngokwemo yokudwelisa iingongoma okanye ngokomhlathi. Landela le miyalelo xa ushwankathela.

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo.
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabususele kumagama angama-50 ukuya kuma-60.
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

**IMPATHO GADALALA YAMABHINQA**

Liphezulu inani lolwaphulo-mthetho olwenziwa kumabhinqa eMzantsi Afrika xa kuthelekiswa namazwe ehlabathi. Oku kuphathwa gadalala kuquka ukubethwa, ukuzithathela isondo ngolunya, ukungafuni ukufaka isikhuseli xa nisabelana ngesondo, ukuthukwa nokwenyeliswa nezinye. 'Ibhinqa elinye kwamane kweli liyaxhatshazwa liqabane lalo, kudlwengulwa ibhinqa qho kwimizuzwana engama–26, ukanti kubulawa ibhinqa liqabane lalo qho kwiiyure ezintandathu,' itsho ingxelo ye*Talk About*, incwadi enceda ukuphelisa ukuphathwa gadalala kwabantu ababhinqileyo.

Ibhinqa lidibana nendoda elithandayo, elikhathaleleyo neliphatha kakuhle. Ikhangeleka iyazi kakuhle into efunwa leli bhinqa kwaye iyalinika. Liziva linethamsanqa lokufumana indoda elolu hlobo. Liziva lonwabile kwaye lizimisele ukuzigcina ezi mvakalelo zintle kangaka. Ngeli xesha ke ibhinqa liyathabatheka kwaye lisakuzinikela ziyajik'izinto.

"Siphila kwixesha elinobundlobongela kwaye ngamabhinqa angamaxhoba ubukhulu becala. Kunzima ukulazi inani lamabhinqa aphathwa gadalala kuba uninzi lwawo aluxeli emapoliseni, kuba oyikisela ukwahlukana nezithandwa zabo ngelithi baza kondliwa ngubani. Kwakhona amapolisa akawahlukanisi amatyala okuphathwa gadalala kwamabhinqa ngamaqabane awo okanye ngabayeni bawo."

Xa umntu ekuphethe gadalala, mxelele ukuba ayilunganga le nto ayenzayo, aze athi akuqhubeka angayeki umshiye uye kuhlala kwindawo yokhuseleko apho uza kufumana khona uncedo, ufumane umyalelo wokhuseleko. Xelela umntu okufutshane nawe okanye uNontlalontle ukuze ufumane iingcebiso ezakhayo.

Kuyacaca ukuba izinto ezikhuthaza ukuphathwa gadalala kwamabhinqa kwiindawo ezininzi kukusetyenziswa kweziyobisi, nodlomdlayo. Amadoda amaninzi xa sele ephantsi kweempembelelo zotywala neziyobisi akalawuleki, aqhwaya udushe.
Enye into athi amabhinqa akuxelela amaqabane awo ngobume bawo bukaGawulayo asuke abe zizigculelo zempatho gadalala. Ubukhwele nokungathembeki kwamaqabane kuxhaphakile.

[Icatshulwe kwi*Drum* magazini, Meyi 2007 yaza yahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: ULWIMI**

**UMBUZO 3**

**ITEKISI A**

Qwalasela eli qweqwe lemagazini uze uphendule imibuzo elandelayo.



3.1 Kutheni igama elithi *BONA* libhalwe ngamagama amakhulu nangqindilili? (1)

3.2 Guqula le ntetho ithi, "UZuma akathethi ngeenkomo, abafazi nocalulo", ibe kwimo evumayo. (2)

3.3 Kwesi sivakalisi silandelayo chonga isimelabizo uxele nodidi lwaso.

'Bapasa bonke iMatriki kwisikolo saseZeleni'. (2)

3.4 Nika isithethantonye segama 'yokonga' kwisihloko esithi, 'Indlela yokonga ipetroli' (1)


3.5 Iceba lishiyiwe kwesi sibizo sikrwelelwe umgca ngaphantsi kweli binzana, 'le moto nefenitshala ...

Nika isizathu sokushiywa kweceba. (2)
**[8]**

## UMBUZO 4

## ITEKISI B

Jonga lo mfanekiso ulandelayo uze ufunde umhlathana okuwo wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.




**I-Omo isetyenziswa luninzi lwabathengi eMzantsi Afrika. Kungokuba inika ixabiso elifanele imali yakho. Umxube wayo onamandla ucoca ngokubalaseleyo! I-Omo isusa nawona aneenkani amabala njengengca, amafutha kwakunye nodaka! Khumbula, i-Omo, ngumgubo wakho wokuhlamba oyintandane ngexabiso elihle kakhulu.**

4.1 I-Omo isetyenziswa luninzi lwabathengi eMzantsi Afrika. Esi sivakalisi sibonisa ukuba kusetyenziswe ulwimi:

A Kusetyenziswe ulwimi oluqhathayo nobaxo
B Olurheshayo
C Olucengayo ngenjongo yokuba ubani avume (1)

4.2 Uphawu lwesikhuzo kwisivakalisi, "umxube wayo onamandla ucoca ngokubalaseleyo!" lusetyenziswe ukubonisa ntoni? (2)

4.3 Xa ufowunela abakwa-Omo yeyiphi inombolo yemfonomfono onokuyisebenzisa? (1)

4.4 Chonga ibinzana elibonisa ukuba i-Omo iyathandwa kwaye ibiza imali entle. (1)
**[5]**

**UMBUZO 5**

5.1 Lungisa esi sivakalisi ngokusebenzisa ngokuchanekileyo igama elikwizibiyeli.

5.1.1 Bamhlabe (bi) emqolo bemkhuthuza iselfowuni. (2)

5.1.2 Ibe (indaba + umlomo) into yokubhubha kwenkokheli ye-AWB. (2)

5.1.3 (Isimanga) esi sokungafunwa kwabantu bamanye amazwe kweli. (2)

5. 2 Bhala esi sivakalisi sibe kwisininzi.

"Uhambe elila endleleni egodukayo." (1)

5.3 Sebenzisa eli gama, 'ibala', kwizivakalisi eziBINI ngohlobo oluveza iintsingiselo ezimbini ezahlukeneyo. (2)

5.4 Nika igama elinye endaweni yentetho okanye ibinzana ngalinye kula alandelayo:

5.4.1 Abantwana ababini abazelwe ngemini enye. (1)

5.4.2 Umntwana oyintombazana wokuqala ekhaya. (1)

5.5 Bhala esi sivakalisi sibe kwimo elandulayo:

IBafana Bafana iyayithatha indebe yebhola yeHlabathi kulo nyaka. (1)
**[12]**

## UMBUZO 6

6.1 Nika isichasi segama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo:

UJakes ***uncoma*** umsebenzi wamanina wokukhusela isizwe. (1)

6.2 Qala esi sivakalisi silandelayo ngolu hlobo: Igama lamakhosikazi ...

"UTD Jakes uphakamisa igama lamakhosikazi". (2)

6.3 Xela ukuba ezi zimamva zibhalwe ngqindilili zenze msebenzi mni kula magama:

6.3.1 Ubhuti nenkosikazi yakhe bayathand**ana**. (1)

6.3.2 Ngomhla wam wokuzalwa ndaphiwa isipho**kazi**. (1)

6.4 Bhala ezi zifinyezi zikrwelelwe umgca ngendlela epheleleyo.
<u>UMnu. noNkosk</u>. Dolo bayanimema kwitheko lonyana wabo. (2)

6.5 Matanisa izivakalisi ezikuKholam A noKholam B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| 6.5.1 Abantwana bayavana | A Ukhwekhwe lwexhwili |
| 6.5.2 Umama akaxakwa ngabantwana bakhe | B Ngamathe nolwimi |
| | C Yinyoka nesele |
| 6.5.3 Akasuki kuye umthe nca | D Indlovu ayisindwa ngumboko wayo |

(3 x 1) (3)
**[10]**

## UMBUZO 7

Lungisa iziphene ezikweli nqakwana ukuze ulwimi lwesiXhosa lubonakale lubhalwe ngendlela efanelekileyo neyamkelekileyo.

| |
|---|
| kulo mgqibelo uzayo siza kubhiyozela ukubuya kukanyana wesibini kamama notata uVelaphi. Lomgidi uqala ngensimbi yeshumi kusasa phaya eholweni kwilokishi yaseZwelitsha, litsho eli phephana lesimemo. |

**[5]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

## ULUHLU LOKUKHANGELA

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULIWEYO | PHAWULA |
|---|---|---|---|
| A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 1 – 4 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 5 – 6 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 7 – 8 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe | 9 – 12 | 2 | |

**QAPHELA: Phendula umbuzo ubeMNYE nakweliphi iCandelo kula; A, B, no C. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCandelo D.**

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1

### *Kusa kusihlwa* – KS Bongela

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Intlalo kaMpumelelo nabazali bakhe esakhula.
    - Ukuxabana kwabazali bakhe umhla nezolo.
    - Umyalelo kayise wokuba afunde ayityekeze.
- Ubunkedama bakhe eminyaka ilishumi elinesithandathu.
    - Ukubhubha kwabazali bakhe bobabini kwingozi emasikizi yemoto ebajongile.
    - Ukukhuliswa kwakhe ngabanye abantu.
- Ukugula kwakhe.
    - Emva komngcwabo waba ngathi uyaphambana.
    - Esikolweni wayeyinkomo edla yodwa.
    - Wayeba nengxaki nabaphathi besikolo bengaqondi ukuba unengxaki.
    - Ukwenzakala ngokumasikizi esikolweni.
    - Ukuphoswa kwakhe sisikolo elele esibhedlele ixesha elide.
- Ukuphila kwakhe nokufunda kwakhe kwakhona.
    - Ubuyela esikolweni.
    - Uphumelela emagqabini izifundo zakhe.
- UMpumelelo efunda phesheya nempumelelo yakhe.
    - Umpumelelo eseWentworth.
    - Ukufunda kwakhe phesheya izifundo zotyando lwamathambo entloko nezifo zengqondo.
- Ukubuyela kwakhe ekhaya namanzithinzithi adlule kuwo.
    - Ubuyela ekhaya engugqirha.
    - Itheko lokuvuyisana naye.
    - Ukusinda kwakhe kwiyelenqe lokubulawa alenzelwe nguNozililo.
- Impumelelo yakhe ekhaya.
    - Isihikahika setheko asenzelwa eLusikisiki.
    - Ubumbunguzulu neqhayiya kubantu bakowabo.
    - Ukuzimanya kwakhe ngeqhina lomtshato noThozama.
- Imisebenzi yakhe yokuphucula intlalo yaseLusikisiki.
    - Wakha isibhedlele sabagula ngengqondo.
    - Waququzelela ukuba kwakhiwe iiklinikhi zasekuhlaleni.
    - Wayila ikwayara yabantu abadala kunye nezemidlalo elungiselela ulutsha.
- Ukuqaqamba kwakhe njengogqirha.
    - Ungumphathi wesibhedlele sabagula zizifo zengqondo.
    - Ukunyanga isigulane esasincanyiwe kwizibhedlele zonke.
    - Ukuba yindumasi ngobungcungela bakhe de aye kuncedisa phesheya.

**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 2**

***Kusa kusihlwa* – KS Bongela**

2.1 2.1.1 NguLungile/Lungile/umyeni kaNomakhwezi√
[Nayiphi enye kwezi] (1)

2.1.2 B Uyacaphuka / B / Uyacaphuka √
[Nayiphi enye kwezi] (1)

2.1.3 Ucinga ukuba unengqondo/ angamqhatha angaboni/ucinga ukuba ayibonwa le nto ayenzayo uyakwazi ukuyifihla√√
[Nayiphi enye kwezi] (2)

2.1.4 "Uze kubuza impilo kum." √√ (2)

2.1.5 Akalunganga. Uthetha kakubi nendoda yakhe eyithuka eyityhola. √√

**OKANYE**

Ulungile. Uyacaphuka kuba ucinga ukuba umyeni wakhe uyathandana. √√ (2)

2.1.6 Yakhathazeka/yatyhafa/yaba nomsindo/yaba nentliziyo ebuhlungu /yaphelelwa ngamandla √
Indoda yona isuke yangathi isemaphupheni amabi, sasuka isikhumba sentloko nesomzimba sashwabana/Kuthe geve geve emadolweni kwathi xhokro entliziyweni ee yefe yefe amandla/wee nyendu umnyele, kwee fixi. √
[Nayiphi enye kwezi.] (2)

2.1.7 Hayi, lo mntu atyholwa naye usebenza naye/unyanisekile emtshatweni wakhe, kwaye uyayithanda inkosikazi yakhe. √√
[Nayiphi enye kwezi.] (2)

2.1.8 Ndingacaphuka/ndingahamba ndimshiye yedwa/ ndingambetha akundithuka/ndingathula ndithi cwaka ndingamhoyi/ndingabiza abantu basekhaya nabakowabo igwadlwe le nyewe. √√
[Nayiphi na evakalayo iya kwamkeleka.] (2)

2.1.9 Usebenzisa ulwimi olunongiweyo ngokulandelelana kwamagama nezandi ukuphuhlisa kakuhle le nto afuna ukuyithetha, ukuze ivakale/usebenzisa ulwimi olunyembayo nolunyelisayo. √√
[Nayiphi na evakalayo iya kwamkeleka.] (2)

2.1.10 "Kuthe geve geve emadolweni kwathi xhokro entliziyweni ee yefe yefe amandla." √√ (2)

2.1.11 Ngumlinganiswa ongqukuva√ kuba naku evakalelwa kusithi nyendu kuthi fixi/Uyacaphuka naye njengamntu wonke xa kufanelekile. √
[Nayiphi enye kwezi.] (2)

2.1.12 C Zombini ezi zingentla/ C/ Zombini ezi zingentla √
[Nayiphi enye kwezi.] (1)

2.2 2.2.1 Yindlela elungileyo yokuphatha umyeni wakhe, hayi obu bukrwada abenzayo/yindlela yokuhlonipha indoda/yindlela yokuziphatha emtshatweni. √√
[Nayiphi enye kwezi.] (2)

2.2.2 Ziintloni ezenziwa ngumntwana womnakwabo ukuphatha kakubi indoda yakhe ngento angaqinisekanga ngayo. √√ (2)

2.2.3 Ukuthula indoda ithandana ngaphandle komtshato/yindoda ethandanayo/yindoda elala nabanye abafazi. √√
[Nayiphi enye kwezi.] (2)

2.2.4 Ukrwada kwaye uthetha ukuthanda kwakhe/Akanambeko kwaye akakwazi ukuthetha kakuhle/Akanambeko. √
[Naziphi ezimbini kwezi] (2)

2.2.5 Uza kumfumana angeke amyeke uza kumthuka athi nca√√/Uza kumbonisa into abhinqe ngayo/Uza kumxoxisa de iphume inyani. √√ (2)

2.2.6 Ayinyani la mazwi kuba emzini akukho kowenu, kufuneka unyamezele nokuba kubi. √√

**OKANYE**

Ndiyawaphikisa la mazwi, kufuneka uhlale kakuhle unganyamezeli nokuba into ayifuni kunyanyezelwa. √√ (2)

2.2.7 Umfanisa nenja umyeni wakhe kuba ucinga ukuba uhamba elala nabanye abafazi. √ NguLungile. √ (2)
**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3**

***Umqol'uphandle* – PM Ngani**

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Kuvakala udaba lokufa kukaEddie noLulama, uDick umfo kaHlobo uqalisa ukuphanda.
  - Amapolisa amabini agada indlu kaEddie ukwenzela ukuba kungabikho mntu ungenayo kuyo.
  - UDick uye kwaEddie eye kuguqulula yonke into.
  - Udibana neleta eyayibhalwe nguLinda eyibhalela uEddie.
- Uya eMoonglow Night Club apho uEddie ebexelenga khona.
  - Imeko yendawo yamenza waphoxeka ngokuwa.
  - Waphanjaniswa bubuhle bukaLinda Monti awambonayo.
- Emva koko uya endlwini kaLinda, adibane noDuma Hlelo.
  - Ukufumanisa ukuba uLinda usebenzisa amavili abizwa ngokuba zi*iRoad Masters* kuphela emotweni yakhe.
  - Ukufumana kwakhe imisesane ebhalwe uE.M no L.M kunye nevolovolo kaLinda eyi *.38 automatic*.
  - Ubonise uLinda ileta awayeyibhalele uEddie kunye nevolovolo.
  - Ubeka uLinda izityholo zokubulala uEddie athi makavalelwe.
- Utyelela uJoe Bumba malunga nobungqina abunike emapoliseni.
  - Uva ngenenekazi elihle elafika eRio Cinema ngemini yokufa kukaEddie noLulama elinxibe idyasi efana nekaLinda.
  - Ukuya kukaDick eFemina House.
  - Uva ngetape recorder eyanikwa uEddie nguJoe.
- Ukufika kukaNkosikazi Hobe kwisikhululo samapolisa othi ungumakazi kaEddie ufuna ukuncedisa ekubanjweni kombulali kaEddie.
  - Ukunyamalala kwale nkosikazi nokukrokra kukaDick.
  - Ukufumanisa ukuba uNkosikazi Hobe wabhubha kudala.
- Ubukhwekhwetha bukaDick.
  - Ukufumana itape recorder.
  - Ukubanjwa kwababulali nguDick.

**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4**

***Umqol'uphandle* – PM Ngani**

4.1 4.1.1 B Amalungu eMoonglow Club/B/Amalungu eMoonglow Club √
[Nayiphi enye kwezi.] (1)

4.1.2 Bafuna avume ukushishina okanye ukuthengisa nabo ngentsangu phaya eMoonglow Club njengoko eyimanejala. √√ (2)

4.1.3 Amalungu afuna ukwenza imali ekhawulezileyo ngokuthengisa intsangu, uEddie akayivumi nakancinci le nto kuba uthi le Club yeyokuzonwabisa yaye yavunywa ngenxa yeenjongo zayo eziphucukileyo√√ (2)

4.1.4 Boyika ukuba uEddie angabaxela emapoliseni ukuba bangamyeka. √√ (2)

4.1.5 "Xa ndingumqobo phambi kweenjongo neminqweno yenu, yini ukuba ningandikhuphi esihlalweni okanye nasembuthweni ngokwawo?"/Mna ke andikaguquki kwezo njongo. √√
[Nayiphi enye kwezi.] (2)

4.1.6 Ulonwabo ebantwini. √ Ukwenza indawo apho abantu banokuhlaziya iingqondo zabo ngexesha labo lokuphumla. √ (2)

4.1.7 Libonisa ukuba intsangu ingumhluthi wengqondo √ nomonakalisi wempilo. √ (2)

4.1.8 Ukuthengisa intsangu kukungenisela imali eninzi./ukuba sisityebi/intsangu inengeniso√
[Nayiphi enye kwezi.] (1)

4.1.9 Ihlutha ingqondo /yonakalise nempilo/kwanda ubugewu/kukubanjwa. √√
[Nasiphi isibini] (2)

4.1.10 Hayi, bakrwada, yiva xa besithi, "besifuna u-ewe no-hayi qha kuwe, Eddie."/"Le ntshumayelo ubuyenza ayingeni ndawo emcimbini…" √√
Ewe, bambizile bathetha naye njengomphathi wabo. √√ (2)

4.1.11 "Le ntshumayelo ubuyenza ayingeni ndawo emcimbini…" √ (1)

4.1.12 Ewe kuba wasweleka ngokudutyulwa esemotweni. √√ (2)

4.1.13 Yayiza kuthengwa emaMpondweni, betshintshiselana ngeebhotile zotywala.√√ (2)

4.2 4.2.1 Yindlu kaEddie Maga. √ (1)

4.2.2 Kukuzama ukufumana ubungqina obunokukhokelela ekubanjweni komntu/abantu ababulele uEddie. √√ (2)

4.2.3 Wayesenzela ukuba agade kungabikho mntu ungenayo. √ (1)

4.2.4 ULinda wayexelela uEddie ukuba akaphumeleli ukuya kumboniso bhanya-bhanya kuba akaphilanga ekwanika uEddie igunya lokuhamba nesinye isithandwa sakhe. √√ (2)

4.2.5 Wayengunobuhle wodumo waseMonti. √√ (2)

4.2.6 Izinto/iimpahla zazithe saa indlu yonke √√ (2)

4.2.7 Wavuya kakhulu √kuba wayeqonda ukuba iza kumnceda kuphando. √ (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

***Ndiyekeni* – DM Jongilanga**

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- UMawonga Loni, uSammy Maziko, uNdila, uZanele noGeorge Madala.
  - UMawonga njengenqununu yaseNobutho.
  - Indlela aphethe ngayo esikolweni.
  - Ukujika kwezinto, angavani noNdila.
  - Ukusela kwakhe utywala.
  - Ukuthandana noZanele.
  - Ukuwa kwakhe, emzini wakhe nasesikolweni.
- USammy Maziko neyelenqe lakhe lokuphixanisa uMawonga noNdila.
  - Iinzame zakhe zokufuna isikhundla sobunqununu ngondlela-mnyama.
  - Ukuntama kwakhe uNdila kuMawonga ngokudodobalisa izinga lemfundo yesikolo ngokuthuma abantwana besikolo etywaleni.
  - Uziveza okomntu onenkathalo nofuna ukuyincothula neengcambu into eza nobubi kweso sikolo.
  - Ukujikela kwakhe uLoni kwikomiti yesikolo emntama ngokungakhathali kwakhe ngenxa yokusela kakhulu.
  - Ukunyoba isikhundla sobunqununu.
  - Ukukhuthaza uNdila ukuba aziphindezele kuMawonga.
- UNdila nezenzo zakhe.
  - Ukunxila kukaNdila ngexesha lesikolo ethuma abantwana ukuya kuthenga utywala.
  - Imigudu yokuzikhusela kwesi sityholo ade anyobe usihlalo wekomiti yesikolo.
  - Ukuphelelwa kwakhe ngumsebenzi.
  - Ukusebenzisa uZanele eziphindezela kuMawonga.
  - Ukubanjwa kwakhe zizenzo zakhe.
- UZanele nemigudu yakhe ekufumaneni uMawonga.
  - Uthando lwakhe kuMawonga.
  - Ubuhlobo bakhe noFuneka.
  - Ukusebenzisa kwakhe iimfundiso zikaFuneka kuMawonga.
  - Ukulahla kwakhe uMawonga akuphelelwa yimali.
  - Ukubanjwa kwakhe malunga nokufa kukaMawonga.
- UGeorge Madala njengosihlalo wekomiti.
  - Ukwamkela kukaMadala izinyobo ezivela kuNdila.
  - Ukunganyaniseki kwakhe kwisikhundla anyulelwe sona.
  - Ukungaphumeleli kwesigqibo sakhe noNdila.
  - Impumelelo kaMaziko ukuba yinqununu.

**[35]**

**OKANYE**

## UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***Ndiyekeni* – DM Jongilanga**

## ISICATSHULWA A

6.1 6.1.1 Ndiyavumelana, kuba uMawonga njengenqununu ufanele ukuba amluleke amcebise utitshala asebenza naye, angangqinelani nabantu abafuna ukumbhukuqa ukuze agxothwe, kufanele ukuba asebenzise ipolisi. √√√

**OKANYE**

Andivumelani kuba uMawonga wayesenza ucwangco esikolweni sakhe yiyo le nto wada wagxothwa uNdila. √√√ (3)

6.1.2 UNdila upheka iqhinga lokubhukuqa uMawonga, kwaye selimbovu ukuba lisebenze. √ (1)

6.1.3 NguMaziko √ (1)

6.1.4 Ufuna isikhundla sokuba yinqununu √ (1)

6.1.5 NguFuneka noZanele √√ (2)

6.1.6 Bayila iyelenqe lokufundisa uMawonga ukusela utywala nokuthandana noZanele ukuze bamsuse esihlalweni, impindezelo entle kaNdila. √√ (2)

6.1.7 Umenywe nguZanele njengesithandwa sakhe epatini kaFuneka. √ (1)

6.1.8 Ewe, kuba naku uNdila nabahlobo bakhe beyele kumgibe ebebe wembela uMawonga, kanti ubandwebele. √√ (3)

## ISICATSHULWA B

6.2 6.2.1 NguMawonga √ (1)

6.2.2 Uve ngoNomawele ongummelwane kaFuneka √ (1)

6.2.3 Ebempha yona√/ebethenga utywala basele √/ebethenga impahla zendlu. √
(Naziphi ezimbini) (2)

6.2.4 I-id kaLoni √/ imvulophu ende ithe puqa yityhefu. √
[Nayiphi enye kwezi.] (2)

6.2.5 Hayi, babezama ukulahla umkhondo okanye ukuphepha ityala bangaziwa ukuba banolwazi ngokufa kukaMawonga. √√ (2)

6.2.6 NguNdila √ kuba nguye onesilandu ngakuMawonga. √ (2)

6.2.7 Wagwetyelwa ukuxhonywa/intambo/ukufa ngokuxhonywa.√
[Nayiphi enye kwezi.] (1)

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6.3 | 6.3.1 | J/ Maziko√ | (1) |
| | 6.3.2 | D/ Ntaba√ | (1) |
| | 6.3.3 | F/ Madala√ | (1) |
| | 6.3.4 | A/ Loni√ | (1) |
| | 6.3.5 | G/ Zingiwe√ | (1) |
| | 6.3.6 | C/Ndila √ | (1) |
| | 6.3.7 | I/ Nonceba√ | (1) |
| | 6.3.8 | E/ Funela√ | (1) |
| | 6.3.9 | H/ Zanele√ | (1) |
| | 6.3.10 | B/ Mandla√ | (1) **[35]** |

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 7

***Ndakuyicel'ivuthiwe* – LL Ngewu & EZ Guqa**

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- UQolwane utyeshela isiko ngokuthi aye kuzizakuzelela ebukhweni bakhe.
  - Ukungamkeleki kwelo nyathelo kumakhaya.
  - UMluleki, inkonde yekhaya, ubonisa ukungalungi kwesenzo sikaQolwane, usikhalimela kabukhali, de ashwabule.

- Ukuthiywa komfazi wakhe igama elinguNozukile becinga ukuba izinto ziza kubuya zilunge.
  - Ukubuyela kukaQolwane emsebenzini, eshiya umfazi nomama wakhe.
  - Ukungavisisani kukaNozukile nomama kaQolwane ngenxa yotywala.
  - Ukuthabatha kukaNozukile isigqibo sokubuyela esikolweni.

- Intiyo phakathi kukaNozukile nabantu bomzi wakhe
  - Ukucaphuka kukanina kaQolwane ngokufunda kukaNozukile.
  - Uninazala uxelela abantu bomzi, bamthethise.
  - UNozukile uphendula ngobukrwada.
  - Ubonisa ukungahloniphi akuthenjiswa ngokubethwa nguNgabuni.
  - Ukukhalala kwamadoda omzi agoduka, edikwe sisimilo sikaNozukile.

- UQolwane nesimilo sakhe kumawabo.
  - Ubukrwada bakhe kumawabo.
  - Ukukhalala kwamawabo ngenxa yeentetho zakhe.

- UNozukile neendlela zakhe ezinebatha.
  - Malunga nesikolo.
  - Indlela ebeziphethe ngayo, ehamba engaxelelanga mntu.
  - Ukuhamba komfazi athuthe konke.
- Isimo sikaQolwane emva kokumka komfazi.
  - Imbizo yamadoda omzi.
  - Ukuzisola kukaQolwane ngokutyeshela isiko.
  - Isimo sabantwana bakhe.
- Iziphumo zokutyeshelwa kwesiko.

**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 8**

***Ndakuyicel'ivuthiwe* – LL Ngewu & EZ Guqa**

8.1 8.1.1 Uthetha ukuthi akazange akhathalele ukuzikhulula kakuhle izihlangu zakhe kuba bezihleli zingoopexe kakade/ zigugile. √√ (2)

8.1.2 Umfanekiso-ngqondweni womntu ongutsotsi ongenamkhondo nekungekho nto ivunekayo kuye, ozele amaqhinga. √√ (2)

8.1.3 Chu √ Sibonisa ukuhamba kancinci/ukucothoza. √ (2)

8.1.4 Edinwe eyimfe. √ (1)

8.1.5 Buthetha ukuba wayembi. √ (1)

8.1.6 NguFanabekho/Mvemnyama √ (1)

8.1.7 Yingubo endala √ (1)

8.1.8 Wayenexhala lokubanjwa/wayenexhala lokuba uza kuvuka atye ntoni kuba wayengaphangeli. √√
[Nayiphi enye kwezi.] (2)

8.1.9 Kungokuba wayekokwabo, yonke into ikhona. √√ (2)

8.1.10 A Ethambileyo/A/Ethambileyo √
[Nayiphi enye kwezi.] (1)

8.1.11 Wabanjelwa ukuba ihempe evenkileni√, wagwetywa iinyanga ezintathu entolongweni. √ (2)

8.1.12 Asiyonyani, wagoduka kuba ebaleka abantu bakwaNobuhle ababemhlasele bemohlwayela ubusela bamshiya becinga ukuba bambulele. √√ (2)

8.1.13 Wathi ebeyingcibi yamakhwenkwe. √√ (2)

8.2 8.2.1 NguFikizolo √ (1)

8.2.2 A Kukufa/A/Kukufa √
[Nayiphi enye kwezi] (1)

8.2.3 "Waphel'emehlweni" √√ (2)

8.2.4 Yingozi yemoto/wagilwa yimoto√
[Nayiphi enye kwezi] (1)

8.2.5 Wayebuhlungu ezibona elilolo √√ (2)

8.2.6 Wacinga ukuba useHlwahlwathi ezihlobeni/eHlwahlwathi/ ezihlobeni. √
[Nayiphi enye kwezi] (1)

8.2.7 Kukuhamba esithubeni okomntu ongenanto yokwenza/kukuzula ungayazi into oyifunayo. √√
[Nayiphi enye kwezi.] (2)

8.2.8 Ngumfazi obhujelwe yindoda√√ (2)

8.2.9 Kukuzama ukuxolisa umntu osentlungwini/ukuphelisa intlungu. √√
[Nayiphi enye kwezi.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE – *VUKANI MADODA KUSILE*

## UMBUZO 9

9.1 Akakho amandla okuzigcina. √√ (2)

9.2 Imbongi ibonisa ukuba ubomi abusoloko bumnandi ngelinye ixesha buba bubi ngelinye ixesha bube mnandi √√ (2)

9.3 Abonisa ukuba ukuba awomelelanga iingxaki zobomi zingakulalisa phantsi. √√ (2)

9.4 Yinyaniso, ubomi bungabuhle kanti busenokuba bubi. √√ (2)

9.5 Andinamazwi endinokuwathetha anokuphelisa intlungu esemphefumlweni wakho. √√ (2)

9.6 Kukungakwazi ukwenza into ethile/kukudinga ubuchule bokwenza into ethile. √ (1)

9.7 Wakha isingqisho esidala uthungelwano lwezimvo. √√ (2)

9.8 Ndiyavumelana√, akukho nto ingapheliyo apha emhlabeni. √ (2)

9.9 NguT Ndlazulwana. √ (½)

9.10 Unemigca eli-14 /unezitanza ezibini, esinye sinesi-8 esinye sinesi-6 semigca√√ (2)

**[17½]**

**OKANYE**

**UMBUZO 10**

10.1 Ngumbongo oncomayo√ (1)

10.2 Ngubani n'ongasifuniy'isidima? √
Ngubani n'ochasene negam'elihle? √
Iphuhlisa ukuba wonke umntu uyafuna ukuba nesidima' √ (3)

10.3 Liqhalo√ (1)

10.4 C ababcc /C/ababcc√ (½)

10.5 Ngumntu othetha izinto ezivisa abanye abantu ubuhlungu. √√ (2)

10.6 Umbhali uzama ukusibonisa ukuba umntu onesidima ungumntu onjani. Umntu onesidima akahambi ethetha yonke into/akaqhayisi/akabuthi/uncokola kakuhle nabo bonke abantu/unxiba kakuhle/uthanda abantu. √√ (2)

10.7 Umntu onesidima akadliseli ngobuciko bakhe kubantu abaninzi, lichule lokuthetha, akahleki siqhazolo. √√ (2)

10.8 Ngumzili ziselo ngomhla wendibano. √ (1)

10.9 Kukuhamba ekruqula abantu ezindlwini zabo/kukubutha. √√ (2)

10.10 Makancokole ke ngesonti kaloku. (1)

10.11 Unezitanza ezine√ /isitanza ngasinye sinemiqolo emithandathu√ (2)

**(17½)**

**OKANYE**

**UMBUZO 11**

11.1 Ngumathunga/ngumakhi √
[Nayiphi enye kwezi]
Idibanisa imihlambi eyalanayo. √ (2)

11.2 Yakha isingqisho esinika uthungelwano lwezimvo√√ (2)

11.3 Inyaniso ithi yakufika kulunge izinto, kube kuhle. √√ (2)

| | | |
|---|---|---|
| 11.4 | Luyagxininisa luphuhlise intsingiselo. √√ | (2) |
| 11.5 | Lubabazo/lugqithiso√<br>Babe baninzi abantu abanothando. √ | (2) |
| 11.6 | Umntu onenyaniso akathandwa ngabantu/unezothe/uyanuka/ uyacatshukelwa. √√<br>[Nasiphi isibini] | (2) |
| 11.7 | 11.7.1 B√<br>11.7.2 A√<br>11.7.3 D√ | (3) |
| 11.8 | Ixabiso lakhe liyacaca okanye liyabonakala noba ngaba iimeko zimbi. √√ | (2) |
| 11.9 | C umbongo-nkcazo /C/ umbongo-nkcazo √ | (½)<br>**[17½]** |

**OKANYE**

**UMBUZO 12**

| | | |
|---|---|---|
| 12.1 | Uyagxininisa√ | (1) |
| 12.2 | Ludalwa kukuba iyamthanda yaye iyazi ukuba naye umbhali uyayithanda√√ | (2) |
| 12.3 | Uyagxininisa kwaye uyayibanga le ntombi yakhe. √√ | (2) |
| 12.4 | Wazibona ngoko ukuba usempilweni, uyabafumana abantwana. √√ | (2) |
| 12.5 | Ububele nothando lwentombi noyise√√ | (2) |
| 12.6 | Ngamandla okufundisa intombi yakhe. √ | (1) |
| 12.7 | A UbuKrestu/A/UbuKrestu√<br>[Nayiphi enye kwezi] | (½) |
| 12.8 | Kukunyaniseka √ nokuzondelela√ | (2) |
| 12.9 | "Abe yintoni bethu? √ "Ubongikazi bona?" √ Ulikhathalele ikamva lentombi yakhe/Ucinga nzulu ngekamva lentombi yakhe kwaye ufuna ibe ngumongikazi. √ | (3) |
| 12.10 | Abazali mabazingce ngabantwana babo/ Umzali unegalelo ekunqwanqwadeleni umntwana kwikamva elililo. √√<br>[Nayiphi enye kwezi] | (2)<br>**[17½]** |

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2010

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-20.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Nceda ufunde eli phepha ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: Idrama | (35) |
| ICANDELO C: Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: Isihobe | (35) |

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.

5. Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi iCandelo kula, A, B, noC. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCandelo D.

6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

**ICANDELO A: INOVELI**

Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU |
|---|---|---|
| 1. *Kusa kusihlwa* | Umbuzo omde | 35 |
| | **OKANYE** | |
| 2. *Kusa kusihlwa* | Umbuzo omfutshane | 35 |
| | **OKANYE** | |
| 3. *Umqol'uphandle* | Umbuzo omde | 35 |
| | **OKANYE** | |
| 4. *Umqol'uphandle* | Umbuzo omfutshane | 35 |

**ICANDELO B: IDRAMA**

Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.

| | | |
|---|---|---|
| 5. *Ndiyekeni* | Umbuzo omde | 35 |
| | **OKANYE** | |
| 6. *Ndiyekeni* | Umbuzo omfutshane | 35 |

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.

| | | |
|---|---|---|
| 7. *Ndakuyicel'ivuthiwe* | Umbuzo omde | 35 |
| | **OKANYE** | |
| 8. *Ndakuyicel'ivuthiwe* | Umbuzo omfutshane | 35 |

**ICANDELO D: ISIHOBE**

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo.

| | | |
|---|---|---|
| 9. Zixolise | Umbuzo omfutshane | 17½ |
| | **OKANYE** | |
| 10. Umnt'onesidima | Umbuzo omfutshane | 17½ |
| | **OKANYE** | |
| 11. Inyaniso | Umbuzo omfutshane | 17½ |
| | **OKANYE** | |
| 12. Intombi yam | Umbuzo omfutshane | 17½ |

**ULUHLU LOKUKHANGELA**

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA |
|---|---|---|---|
| A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 1 – 4 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 5 – 6 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 7 – 8 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| D: Isihobe | 9 – 12 | 2 | |

**QAPHELA: Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi iCandelo kula, A, B, noC. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCandelo D.**

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

***Kusa kusihlwa* – KS Bongela**

Liyinene elithi ukusa kuhambelana nempumelelo. Kude kwasa nakuMpumelelo, waphuma ebunzimeni ebesoloko ekubo. Ngqina olu luvo ngamahla-ndinyuke athe wadibana nawo ebomini bakhe. (190 – 240 amagama) **[35]**

**OKANYE**

### UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***Kusa kusihlwa* – KS Bongela**

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> Uthe akuyibuza impilo kwathi kanti uziqhwayele uthabeni wazinqikela ilitye elineembovane. Ithi ukuthi phuhlu kwayo yatsho kwabanda.
>
> "Uyakwazi wena ukubuza impilo kum? Uyikhathalele impilo yam nokuba uzicingela ukuba uhlikihlile phantsi kweenwele? Urhaqaza urhaqaze iveki yonke nezi rabishi ulala ezihotele ubuye uze kunyuza inyilo kum?" Hayi ke uye wemkisela ngentlamba engasathethi ede waxhapha amagwebu. Indoda yona isuke yangathi isemaphupheni amabi, sasuka isikhumba sentloko nesomzimba sashwabana. Kuthe geve geve emadolweni kwathi xhokro entliziyweni ee yefe yefe amandla. Kwalile ethubeni ephulaphule ezi ndudumo ebukele nale mibane itshawuzayo, kwee nyendu umnyele, kwee fixi.
>
> "Hi Nomakhwezi yintoni le imbi kangaka undenza yona?
>
> Yintoni le ibangela ukuba ubomi obu ubenze bukrakre kanje kungekho sizathu? Xa unditshutshisa emzini wam ngenxa yempixano yolwimi lwale lokishi uthi mandiye phi? Yintoni ebangela ukuba ndifike sewuligwele kum ngento engenasihlahla? Ngubani lo ukuxelela le mfungumfungu?"

2.1.1 Ngubani lo kuthethwa ngaye? (1)

2.1.2 Kutheni engaphenduli impilo le ibuzwayo nje? Khetha kwezi zilandelayo:

A Udanile
B Uyacaphuka
C Ukruqukile (1)

2.1.3 Lo uthethayo uthetha ukuthini xa esithi ucinga ukuba uhlikihlile phantsi kweenwele? (2)

2.1.4 Lungisa le ntetho ibhaleke kakuhle, "uze kunyuza inyilo kum". (2)

2.1.5 Lo mntu uthethayo ulungile okanye akalunganga. Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.6 Le ndoda yeva njani xa ithukwa ngulo mfazi? Khetha isivakalisi esiNYE ukuxhasa impendulo yakho kumhlathi wesi-2 kwisicatshulwa. (2)

2.1.7 Ngokwasencwadini ingaba ngenene le ndoda iyarhaqaza? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.8 Ungaziva njani xa inganguwe lo ukwesi simo sokuthukwa kangaka? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

2.1.9 Xela indlela umbhali asebenzise ulwimi ngayo kwesi sivakalisi.

"Urhaqaza urhaqaze iveki yonke nezi rabishi ulala ezihotele ubuye uze kunyuza inyilo kum." (2)

2.1.10 Chonga isivakalisi esithetha ukuba le ndoda yaxakwa yinto emayiyenze, yatyhafa. (2)

2.1.11 Ingaba le ndoda uyibona ingumlinganiswa ongqukuva okanye osicaba? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

2.1.12 Ngumfazi otheni lo unje endodeni yakhe? Khetha kwezi:

A Unobukhwele
B Ukrwada ngendalo
C Zombini ezi zingentla (1)

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

"Hayi mani phulaphula xa kuthethwa Nomakhwezi. Akungomntu wokuqala ukwenda, nofumana iinzima. Ayizizo nanzima ezi, ngaphandle nje kokuba uphanjaniswa lulwimi lwento ongakhange uyibambe ngokwakho. Le nto uyifuthuzelayo iza kukuphoxa…"

Dadobawo! Ungakhe ulinge undixelele ngento yokwenda kwam, ungazange wende wena. Ndiyakucebisa ukuba ungangeni ezintweni zam. Andinakuze ndiyinyamezele le nokuba kuthiwa mandinyamezele. Ukuba kobu bulumko bakho uzama ukuquma uLungile kule mikhwa yakhe, ingasuka ihle ehlayo, torho. Uza kundazi namhlanje ukuba ndingubani na lo mfana kaNtsibande. Nokokuba sekusithiwa iintsiba zakhe zinde zigqiba ilizwe eli, ufike esitishini kule kaSoluthi intombi. Sis! Ndigezelwe yinja!?"

UYolisa umthobozile enyamezele ezo zinyembo naloo ntlamba wada waba uyanqandeka. Uyeke ngelithi umgcade ukufika kwakhe ngoLwesihlanu. Njengokuba iveki isiya icukutheka, nokhofukhofu lukaNomakhwezi luye lukhula ngokukhula ngokokude ngamanye amaxesha amane ukuhlasimla nokuba uyedwa. Ide yafika impela-veki waba uyafika uyise kaMpumelelo, loo nto ebuya eyekelele umzimba engazi ukuba litshawuza imibane. Wayengenalo nofifi lokuba kunyembelekile.

2.2.1 Yintoni le uNomakhwezi axelelwa yona ngudadobawo wakhe? (2)

2.2.2 Yintoni isizathu sokuba athethe ngolu hlobo uYolisa? (2)

2.2.3 Yintoni le angenakuze ayinyamezele uNomakhwezi? (2)

2.2.4 Isithethi esithetha kumhlathi wesi-2 ngumntu onjani? (2)

2.2.5 Cacisa intetho ethi, "Uza kundazi namhlanje ukuba ndingubani na lo mfana kaNtsibande." (2)

2.2.6 Ngqina okanye uphikise amazwi athi kuyanyanyezelwa emzini ngumfazi. Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

2.2.7 Kutheni lo mfazi esithi, "Ndigezelwe yinja" nje. Ingubani yona le nja? (2)
**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)**

***Umqol'uphandle* – PM Ngani**

Ngokwenene uMnumzana uHlobo ngumakhwekhwetha womcuphi, ngqina oku ngokuthi ubeke elubala ubuchule abusebenzisileyo ekubambeni ababulali bakaEddie noLulama. (190 – 240 amagama) **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***Umqol'uphandle* – PM Ngani**

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> "Siza kuwe njengomntu esamnyula ukuba abe yimanejala phaya eMoonglow. Khawusiphe ilizwi, mfondini."
>
> "Makhe ndibuze le, khaba lakuthi: xa ndingumqobo phambi kweenjongo neminqweno yenu, yini ukuba ningandikhuphi esihlalweni okanye nasembuthweni ngokwawo?"
>
> "Eddie, mfondini sesikungenise kakhulu ekhwapheni. Xa sinokukutyekeza emva kokuba singavisisananga ngalo mcimbi, sazi njani ukuba akungebalekeli emapoliseni, uyokusikila, sibanjwe ngaloo ntsangu yethu yebhongo …

Kambe ke mandiniphe imbilini yam ngalo mbandela wentsangu – njengoko ndisoloko ndinicacisela xa nindiphimisayo ngawo. Niyazazi iinjongo zethu xa sasiseka iMoonglow Night Club. Sasisithi sifuna ukunika ulonwabo ebantwini. Sasisithi sifuna ukwenza indawo apho abantu banokuhlaziya iingqondo zabo ngexesha labo lokuphumla. Amagunya okuwuqhuba lo mbutho sawanikwa ngokwaziwa ukuba singaba nezo njongo ziphile kangako. Mna ke andikaguquki kwezo njongo.

"Mbungu mni na wona lo wentsangu sifuna ukuwufaka ebantwini? Indawo yolonwabo nempilo singathini ukuyijika siyenze umsitho wakwaLambathayo? "Intsangu inemali – nam ndiyavuma. Kodwa ke ziyintoni iziphumo zayo kothe wayitshaya? ...

"Yintoni yona intsangu – umhluthi wengqondo nomonakalisi wempilo? Nifuna kwande ubugewu ngoku kanye bekupheliswa ubugewu ngokuvulelwa kotywala? Niyolelwe yintoni ekuboneni abantu bakuni bezalise ezintolongweni? …

Besifuna u-ewe no-hayi qha kuwe, Eddie. Le ntshumayelo ubuyenza ayingeni ndawo emcimbini … Siza kukunika iinyanga ezintathu ube uwuhlafunisisa lo mpoposho wethu. Emva kwezo nyanga, siyahlukana nawe."

4.1.1 Le ncoko iphakathi kukaEddie naba bantu: Khetha:

A Abecuphi baseMonti
B Amalungu eMoonglow Night Club
C Linda Monti noLulama (1)

4.1.2 Bafuna ntoni kanye aba bantu kuEddie? (2)

4.1.3 Chaza iyantlukwano phakathi kwala maqela mabini. (2)

4.1.4 Yintoni ebangela ukuba bamthi nca kangaka uEddie xa engafuni? (2)

4.1.5 UEddie yindoda enomqolo. Ngqina la mazwi ngokucaphula intetho yakhe engqina oku apha kwisicatshulwa. (2)

4.1.6 Xela izizathu zokusekwa kwalo mbutho zibe ziBINI. (2)

4.1.7 Ibinzana elithi, "Mbungu mni na wona lo wentsangu …" libonisa ntoni? (2)

4.1.8 Ithetha ukuthini intetho ethi, "Intsangu inemali"? (1)

4.1.9 Xela iziphumo zokutshaya intsangu ezikhankanywe kwisicatshulwa zibe ziBINI. (2)

4.1.10 Ingaba aba bantu bathetha noEddie bayamhlonipha njengemanejala yabo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

4.1.11 Chonga isivakalisi esimphoxayo uEddie. (1)

4.1.12 Ingaba emva kweenyanga ezintathu bahlukana naye uEddie? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.13 Le ntsangu kuxoxwa ngayo apha yayiza kufumaneka phi, ifumaneka njani? (2)

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Umfo wakwaHlobo uzibone seleyinyathela iNdende ngeqegu lakhe. Akubanga kudala, waba selemisa phambi kwendlu awayibona esekude. Yayibhalwe ngokucacileyo phezu komnyango: -7B. Kulapho ke wayehlala khona uEddie esaphila. Wafika sezilapho izixhiphothi ezibini zamapolisa. Ayebekwe kwangephezolo ukuba agcine kungabikho namnye ongenayo, kungabikho nophumayo. Uthe esihla emotweni, abe selemkhawulela, elinde eminye imiyalelo.

"Ndifuna omnye wenu andikhaphe xa ndingenayo ngaphakathi." Lowo ke ibe ngokaHlobo umyalelo, ethetha engemanga, ingqondo sele ingxamele phambili. "Omnye kuni uya kushiyeka phandle, anqande kungangeni mntu." Ngephanyazo nje engene uHlobo loo ndlu ibe ngumbhodamo. Impahla iphoswe ngapha nangapha, kuphendlwa nesibi esasilapho. Wayeba ngatshona ngapha, abuye ze umcuphi wabantu. Kwakucacile ukuba uEddie lo wayengumntu onomdla kwizinto ezininzi. Kwakuzele apho yingqokelela yezinto ngezinto-ukusuka kwezakhayo de kuye kwimfitshimfitshi yamabhinqa. Kuloo mgubhululo, eyaba yeyokugqibela kuHlobo yaba kukufunda nganye nganye kwisipha seencwadi ezazibhalelwe uEddie. Inkoliso yazo yayizezivela kuLinda … Ukunyamezela kwakhe uHlobo kuvuzwe ngento ephathekayo. Kuthe sekunini, wagagana neyona ncwadi eyaba nomdla kuye. Leyo yayibhalwe ngezolo – isisijungqana kodwa ithwele lukhulu.

4.2.1 Yindlu kabani le kwakungenwa kuyo? (1)

4.2.2 Yintoni isizathu sokuba kuze kugqogqwa le ndlu? (2)

4.2.3 Yintoni ebangela ukuba okaHlobo athi omnye makashiyeke phandle? (1)

4.2.4 Bhala umongo weleta eyayibhalwe nguLinda eyibhalela uEddie. (2)

4.2.5 Nika isizathu esibangela ukuba uLinda Monti aziwe phantse ngumntu wonke eMonti. (2)

4.2.6 Umbhali uthetha ukuthini xa esithi indlu yayingumbhodamo? (2)

4.2.7 UHlobo waziva enjani akufumana ileta kaLinda, iyintoni eyayibangela ukuba azive ngolo hlobo? (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

### UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

***Ndiyekeni* – DM Jongilanga**

"Umntu akagqitywa ungasiboni isithunzi sakhe nemizila yeenyawo zakhe." Ngqina la mazwi ngokuthi ujonge izenzo zabalinganiswa abaphambili apha kulo mdlalo. (190 – 240 amagama) **[35]**

**OKANYE**

### UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***Ndiyekeni* – DM Jongilanga**

### ISICATSHULWA A

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| NDILA: | ... Wawungabazi abantu. Uyabazi ngoku. |
| LONI: | Indoda ayikhwazi ingekaphumi ehlathini mfo kaNdila. |
| NDILA: | Andisekho nasenyeleni, sendithe ngcu emantla alo. |
| LONI: | Ithambo lenyoka lihlab'elimzondayo, linobuzaza sele ibole yagqiba. *(Watsho ephuma).* Xa sel'ingcwatyiwe libola bhutyu ligubeke. (*Gquzu bahleke abasendlwini)* |

6.1.1 Uyavumelana okanye akuvumelani nentetho kaNdila yokuba uMawonga wayengabazi abantu? Xhasa impendulo yakho ngokwalapha encwadini. (3)

6.1.2 UNdila uthi akasekho nasenyeleni ngoku. Ingaba wenza msebenzi mni ngoku? (1)

6.1.3 Ngubani oyena mntu wadala ubutshaba phakathi kukaLoni noNdila? (1)

6.1.4 Lo mntu umbhale KUMBUZO 6.1.3, ingaba wayebangelwa yintoni ukuze adale umsantsa phakathi kwala madoda mabini? (1)

6.1.5 Ngoobani abanye abantu ababini abakule ndlu bancokola kuyo uLoni noNdila? (2)

6.1.6 Chaza ukuba yintoni edibanisa uNdila naba bantu babini ubabhale KUMBUZO 6.1.5? (2)

6.1.7 Ingaba yena uLoni ubekwa yintoni kule ndlu akuyo ngoku? (1)

6.1.8 Ucinga ukuba amazwi kaLoni athi: "Ithambo lenyoka lihlab'elimzondayo" aye aba bubunyani apha ekuqhubekekeni komdlalo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**ISICATSHULWA B**

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| NJOBE: | O! Ngubani lo wayenkqonkqoza ekhwaza ngemali yakhe ephelele apho ngokuhlwa kweCawe? |
| ZANELE: | Tyhini silibele, wayezile ndamgxotha kuba ndamala kudala. |
| MAQHINGA: | O! Nxayiphi ngoku benisithi unenyanga engasezi apha? |
| FUNEKA: | Ukulibala yinto ekhoyo. |
| NJOBE: | Madoda khanigubhulule le ndlu, ngoku. |

6.2.1 Ngubani lo mntu uZanele athi wayezile waze wamgxotha? (1)

6.2.2 Olu lwazi lokuba lo mntu umbhale KUMBUZO 6.2.1 wayeze kunkqonkqoza efuna imali yakhe uNjobe ulifumene phi? (1)

6.2.3 Chaza ngezivakalisi eziBINI ukuba le mali lo mntu akhala ngayo ityiwe yagqitywa njani apho kwaZanele? (2)

6.2.4 Nika izinto ezimBINI eziye zafunyanwa ngamapolisa kwaZanele, neziye zakhokelela ekubanjweni kwabarhanelwa. (2)

6.2.5 "Ukulibala yinto ekhoyo." Ingaba babelibele nyhani ooFuneka? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.6 Ngokophando kufumaniseke ukuba ngubani oyena mntu ukhokelele ekufeni kwalo mntu ubekhala ngemali yakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.7 Ingaba lo mntu umbhale KUMBUZO 6.2.6 wafumana esiphi isigwebo? (1)

6.3 Tshatisa intetho okanye amazwi omlinganiswa akuKHOLAM A nomlinganiswa ochanekileyo kuKHOLAM B. Bhala kuphela inombolo nonobumba ofanelekileyo, umzekelo: 6.3.11 K.

| KHOLAM A | | KHOLAM B |
|---|---|---|
| 6.3.1 | ULiziwe akekho klasini. Uthunywe umqabulo nguNdila. | A Loni |
| | | B Mandla |
| 6.3.2 | Ninga ningasindisa umphefumlo omnye osel'ukiya kiyeka kufe amawaka? | C Ndila |
| 6.3.3 | Akusekho mntwana ufundiswa tywala kule mihla, bazifundela kula maxethuka. | D Ntaba |
| | | E Funeka |
| 6.3.4 | Akacingi ukusenza ibhari esi sikolo. | F Madala |
| 6.3.5 | Laa ncukuthu inguMadala iza kuyihlanza imali yabantwana bam. | G Zingiwe |
| 6.3.6 | Andinaxesha leencede Sammy xa ndijongene nesangxa. | H Zanele |
| | | I Nonceba |
| 6.3.7 | Niphi na nina Sammy xa uDicksie esiwelwa ngumgodi. | J Maziko |
| 6.3.8 | Ndakuyibambisa intaka leyo ndiyithini? | |
| 6.3.9 | Mna ndisaswele amaqhinga okubhabhisa iingqanga. | |
| 6.3.10 | Itheko malifane nelinye. Give us music. | |

(10 x 1) (10)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

***Ndakuyicel'ivuthiwe* – LL Ngewu & EZ Guqa**

Ndakuyicela ivuthiwe

Isiko lisiko. Ukutyeshela ukulilandela kukholisa ukungabi naziphumo zihle. Ngqina le nyaniso ngokubhekiselele kwibali elithi, "Ndakuyicela ivuthiwe", apha kule ncwadi. (190 – 240 amagama) **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***Ndakuyicel'ivuthiwe* – LL Ngewu & EZ Guqa**

8.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> Ikhikhizela laseDangwana
>
> Usukumile kwisitulo ebethe chu kuso wakhulula idyasi bubhatyi yakhe wayijula kude ngokunga ugxotha ishwangusha. Akazihluphanga ngokuba abe ekhulula izihlangu kuba kuzo akukho nasinye ebesisenomhluzi. Ukhabe nje unyawo, sataka phaya kude isihlangu ngokunga sichwayitile ukwehlukana nengcinezelo. Iinzwane zivele ziyimingqandanda kwimingxuma yezo zinto ekubonakala ukuba zakha zazikawusi ngeemini zazo. Ezi nzwane bese kubonakala ukuba zizakhele ubuhlobo naloo mingxuma kangangokuba zingakhalaza ukuba lo rheme angazibhunxeka izihlangu.
>
> Urhunta uthabathe umrhaji wakhe wazithi qululu ngawo kuloo bhedi warhona kuba ebedinwe eyimfe kushiyeke nje ubumfene kuye. Ulele ubuthongo obupholileyo kwibhedi etofotofo esahlukene namaqwakuqwaku awaqhelileyo. Ubuthongo obububo, elala engenaxhala, wabugqibela kwakweli khaya.

8.1.1 Umbhali uthetha ukuthini xa esithi "akazihluphanga ngokuba abe ekhulula izihlangu kuba kuzo akukho nasinye ebesisenomhluzi? (2)

8.1.2 Igama "urhunta" likunika umfanekiso ngqondweni womntu onjani? (2)

8.1.3 Chonga isifanekisozwi kumhlathi wokuqala uze uxele ukuba sinika ntsingiselo ni? (2)

8.1.4 Bhala ibinzana elithetha, "edinwe kakhulu". (1)

8.1.5 Ubumfene obu bukuye buthetha ukuba wayemhle okanye wayembi lo mfo. (1)

8.1.6 Ngubani lo rhunta kuthethwa ngaye apha? (1)

8.1.7 Chaza ukuba yintoni umrhaji? (1)

8.1.8 Wayekade elala enexhala lantoni? (2)

8.1.9 Kutheni elala engenaxhala nje ngoku? (2)

8.1.10 Umbhali usebenzise igama, 'etofotofo' ukunika umfanekiso-ngqondweni webhedi … Khetha impendulo echanekileyo:

A ethambileyo
B endala
C enkulu (1)

8.1.11 Nika isizathu sokubanjwa kukarhunta eBhayi kunye nesigwebo awasifumanayo. (2)

8.1.12 Urhunta wabuya eBhayi kuba efuna ukuza kunceda unina. Yinyani okanye ayiyonyani. Xhasa impendulo yakho. (2)

8.1.13 Waphendula wathini urhunta xa ebuzwa ngunina ukuba ebesenza msebenzi mni eBhayi? (2)

8.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> Ikhikhizela laseDangwana
>
> Ukuthi qudululu kwayo indod'enkulu, unyana wayo uFanabekho waphel'emehlweni kwangomhla womfihlo. Umfo walifulathela ikhaya lakhe ngokunga ufunge ukuba akasoze abe nalwandiselwano nalo. Wasishiya ngemva isikolo saseDangwana apho uyise wayesweleke ngengozi yemoto eyinqununu khona.
>
> Umhlolokazi ongunina ukhe wahlala ethembeni lokuzikhohlisa ngelithi unyana wakhe wolahleko unokuba umke nezihlobo zeli khaya ebezihlala eHlwahlwathi. Unina akasukelanga phezulu ukukhangela le nkewu kuba engafuni ukuba atshuntuze esithubeni esazilele umyeni wakhe. Ziqengqelekile iinyanga ebambelele kwinto yokuba izizalwana zimgcinile umntwana ngeenjongo zokumkhotha amanxeba kwintlungu yokulahlekelwa nguyise. Ukhe wathumela kwizihlobo ebuzisa ngonyana wakhe, koko akwabikho mkhondo.

8.2.1 Ngubani igama lendod'enkulu ekuthethwa ngayo apha? (1)

8.2.2 Kukuthini ukuthi qudululu ngokwalapha kwisicatshulwa?

A Kukufa
B Kukubaleka
C Kukulala (1)

8.2.3 Khetha ibinzana elithetha ukuba wanyamalala (2)

8.2.4 Wabulawa yintoni uyise? (1)

8.2.5 Ingaba umama wakhe waziva enjani emva kokumka konyana wakhe engaxelanga? (2)

8.2.6 Akunyamalala emva komngcwabo uFanabekho unina wacinga ukuba uye phi? (1)

8.2.7 Kukuthini ukutshuntuza? (2)

8.2.8 Yintoni umhlolokazi? (2)

8.2.9 Kukuthini ukukhotha amanxeba? (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE – *VUKANI MADODA KUSILE*

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

### UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Zixolise – T Ndlazulwana**

Bunjalo obu bomi bumnandi-krakra,
Obu bomi bumacala mabini okoxolo lomthi.
Bakufik'unkene-nkene bukuqob'amadolo.
Bakuvel'uthe-ethe bukulalisa ngophothe.
Ndiswel'imilom'okukuxolisa kwintlung'engaphakathi.
Ndiswel'izandla zokukusul'iinyembezi zomphefumlo.
Ndiswel'amandl'okukukhombis'umend'onguwo.
Ndiswel'isipho sokukwenz'uxol'ulibale.

Izinto zalo mhlaba ngubhanga cim'okwerhangasi,
Intlung'eziyidalayo phof'ayishiyi sigingqi nazilonda.
Kuba kamb'okomhlaba kuyaguga.
Kuba kamb'ezalaph'emhlabeni ziyabuna.
Izint'ezininz'akakh'amandl'okuzinqanda.
Iziphiw'ezininzi'akakho amandl'okuzigcina.

9.1 Ngokwale mbongi, yintoni ebangela ukuba iziphiwo ezininzi zingagcinakali? (2)

9.2 Imbongi isebenzise amagama achaseneyo kumqolo wokuqala kwisitanza sokuqala. Yintoni injongo yembongi ukukwenza oku? (2)

9.3 Amagama asetyenziswe ngumbhali kwimiqolo yesi-3 nowesi-4 yesitanza sokuqala aphuhlisa ntoni ngezenzo zobomi? (2)

9.4 Xela ukuba yinyaniso okanye bubuxoki obu: "Obu bomi bumacala mabini okoxolo lomthi." Xhasa impendulo yakho ngesivakalisi esiNYE. (2)

9.5 Chaza le ntetho ngamazwi akho: "Ndiswel'imilom'okukuxolisa kwintlung'engaphakathi." (2)

9.6 Kukuthini ukuswel'izandla? (1)

9.7 Ingaba umbhali uzama ukuphuhlisa ntoni ngofinyezo lwamagama kumqolo wesi-3 ukuya kowesi-6 kwisitanza sokuqala? (2)

9.8 Uyavumelana okanye akuvumelani noluvo lokuba ezalapha emhlabeni izinto ziyabuna? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.9 Ubhalwe ngubani lo mbongo? (½)

9.10 Lo mbongo yiSonethi. Nika iimpawu zibe mBINI ezikungqinayo oku. (2)
**[17½]**

**OKANYE**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Umnt'onesidima – LT Manyase**

Ngubani n'ongasifuniy'isidima?
Ngubani n'ochasene negam'elihle?
Ngulow'unomlomo ongenasiziba,
Ongakwaz'ukugcina negam'elinye.
Ngulow'ungasabi mazwi andumbisa.
Ngulowo untethw'ithand'ukuhlungisa

Umnt'onesidim'akazityandi gila,
Akaqhayisi ngazwi endimbaneni.
Amazwi angaphucukang'uyawazila.
Wotheth'intw'eyiy'esidlangalaleni.
Wozol'azibulung'ancokole kuhle,
Ahleke kodw'angahlek'ad'aphuthe.

Ngumzili ziselo ngomhla wendibano.
Ngulowo uziqwebel'umfaneleko.
Low'uzinyamekelayo ngezambatho.
Ngulow'uzindilayo ngemfaneleko.
Ingcath'intw'engawoleliy'esiswini,
Intw'engathand'ukunxib'ihlaz'esiqwini.

Ngulowo ungahamb'ekruqul'abantu,
Engen'ezindlwini zab'imihla yonke.
Lowo akasenasidima kubantu.
Abantu abasamlangazeleli bonke.
Yena umntu makabathande abantu.
Makancokole ke ngesonti kaloku.

10.1 Hlobo luni lombongo olu? Chonga impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

A Umbongo mbaliso
B Umbongo oncomayo
C Umbongo oyisonethi (1)

10.2 Chonga imibuzo buciko efumanekayo uze utsho ukuba iphuhlisa ntoni. (3)

10.3 Kumgca wesithathu kwisitanza sokuqala kusetyenziswe esi safobe, "Ngulow'unomlomo ongenasiziba", Xela udidi lwaso. (1)

10.4 Imvano-siphelo yesitanza sokuqala ime ngolu hlobo: Khetha impendulo echanekileyo:

A abcdef
B abcabc
C ababcc (½)

10.5 Chaza okuthethwa sesi sivakalisi: Ngulowo untethw'ithand'ukuhlungisa. (2)

10.6 Uthini umongo walo mbongo? (2)

10.7 Ithini intsingiselo yesitanza sesi-2 kulo mbongo? (2)

10.8 Khetha umqolo kwisitanza sesi-3 obonisa ukuba umnt'onesidima akaseli yonke into le. (1)

10.9 Ngokwalo mbongo, yintoni ebangela ukuba umntu aphelelwe sisidima kwaye angalangazelelwa nangabanye abantu? (2)

10.10 Chonga umqolo kwisitanza sokugqibela othetha: "makathethe kakuhle nabantu." (1)

10.11 Chaza iindlela zibe mBINI owakheke ngazo lo mbongo. (2)
**[17½]**

**OKANYE**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Inyaniso – N Mthintsilana**

Ngumathunga kwabanyembezi;
Ngumakhi wesizwe.
Ogcin'izizwe zibambene,
Ogcin'izihlobo zibukana.
Onayo unomkhokha.

Ngumkhumezelo phezu kohlaza.
Ngamathontsi phezu kotyani.
Onayo makayinxibe nenceba;
Onayo makasiph'ubuncwane;
Siphuphum'isizwe luthando.

Inkohlamntu nenkohla
Onayo ukwanomzondo
Kwiinkundla zokuzathuza
Iqashiso liwa mva kuye,
Kuba kaloku ngudiz'amahlebo

Inkohlamntu nenkohla
Onguye Uyamphakamisa;
Kubabandezeli Uyamxhasa;

Avelele njengeNtab'eZiyoni;
Kub' uyidayiman'eluthulini.

11.1 Chonga isimntwiso kwisitanza sokuqala utsho ukuba siphuhlisa ntoni? (2)

11.2 Imvanosiqalo ekwisitanza sokuqala yenze msebenzi mni kumbongo? (2)

11.3 Umqolo wesi-6 nowesi-7 unika ntsingiselo ni kwisitanza sesibini? (2)

11.4 Uphindaphindo olusetyenziswe kumqolo wesi-8 nowesi-9 lubonisa ntoni? (2)

11.5 Xela udidi lwesafobe nentsingiselo yaso umbhali alusebenzisileyo kumqolo we-10, "Siphuphum'isizwe luthando". (2)

11.6 Cacisa okuthethwa ngumqolo we-12, "Onayo ukwanomzondo". (2)

11.7 Matanisa uKHOLAM A noKHOLAM B ubhale kuphela inombolo nonobumba.

| IKHOLAM A | | IKHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| 11.7.1 | Inkohlamntu nenkohla | A | uxela izinto ezifihlwayo |
| 11.7.2 | Kuba kaloku ngudizamahlebo | B | izinto ezixake abantu nezixake jikelele |
| 11.7.3 | Avelele njengeNtabeZiyoni | C | ubumnandi bokuxoka |
| | | D | avelele abe semboniselweni |

(3 x 1) (3)

11.8 Ucinga ukuba kutheni kusithiwa umntu onenyaniso yidayimani eluthulini? (2)

11.9 Nika udidi lwalo mbongo. Khetha kwezi zilandelayo:

A Umbongo sikhalazo
B Umbongo ndumasiso
C Umbongo nkcazo (½)

**[17½]**

**OKANYE**

**UMBUZO 12**

Funda lo mbongo uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi.

**Intombi yam – MM Swartbooi**

Ndinantomb'intle kunene
Ndinantomb'endiyizalayo
Ndivela kuyo incume
**Umafungwashe wam**.

"Le ntombi igodukile"
Amehl'abantu becacisa.
Le ntomb'igodukile,
Imilenz'abantu bekhangele.

Nyakandini ndiyabulela
Ngawe kaloku ndazibula
Ndivela kuyo incume
**Umafungwashe wam**.

Kodw'amandla ndinawo
Yofund'intomb'am
Kodw'uThix'encedile!
**Umafungwashe wam**

Inene ntomb'unyaniseke
Olu hambo lolunzima
Lufun'inzondelel'gqibeleleyo
Ngekamva lobomi kulo mhlaba.

Abe yintoni bethu?
Izikisingqond`icinga.
"Ubongikazi bona?"
**Umafungwashe wam**

12.1 Kutheni umbhali esebenzise uphindaphindo kumgca wokuqala nowesibini? (1)

12.2 Ucinga ukuba ludalwa yintoni uncumo kule ntombi akuvela umbhali? (2)

12.3 Ibinzana elibhalwe ngqindilili eliphindaphindiweyo kumbongo "Umafungwashe wam" linika ntsingiselo ni? (2)

12.4 Kumqolo wesi 2, kwisitanza sesi 6, umbhali uthi "ndabon' impilo nakum". Athetha ukuthini la mazwi? (2)

12.5 Ngokuphindaphinda umqolo othi, "Ndivela kuyo incume" imbongi iphuhlisa ntoni? (2)

12.6 Yintoni le umbhali acela ukuba uThixo amncedise kuyo? (1)

12.7 Ukuthembela kuThixo kwalatha ntoni ngokwenkolo yalo mbhali? Khetha kwezi mpendulo zilandelayo.

A UbuKrestu
B Ubusathana
C Ubuhedeni (½)

12.8 Nika izinto zibe mBINI ekumele zenziwe yintombi yombhali ukuze ibe nekamva eliqaqambileyo kwaye iluphumelele nohambo lobomi. (2)

12.9 Caphula imibuzo buciko esetyenziswe ngumbhali kwisitanza sokugqibela uze uchaze isizathu sokuba umbhali asebenzise imibuzo buciko. (3)

12.10 Ingaba ithini imfundiso yalo mbongo? (2)
**[17½]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathana emide (30)
   ICANDELO C: Imihlathana emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha elitsha.

5. Yenza uyilo (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/ flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko. Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A, imizuzu engama-40 KWICANDELO B, nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

    UBUDE BEEMPENDULO

    ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-190 – 240 amagama

    ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80 – 100 amagama

    ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60 – 80 amagama


## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Usuku lokubhiyozela iindidi ngeendidi zenkcubeko ezikhoyo esikolweni sam.

Bhala isincoko ngokwenzekayo ngolu suku.



**[50]**

**OKANYE**

1.2 Ukubaluleka kweeselula-fowuni kule mihla siphila kuyo. Ingaba ubomi bethu buguquke bangcono ngokufika kwazo?

Bhala isincoko uvakalise izimvo zakho. **[50]**

**OKANYE**

1.3 'Amaphepha-ndaba neemagazini ziphelelwe lixesha ngenxa kamabonakude.'

Bhala isincoko uveze izimvo zakho ngolu luvo. **[50]**


**OKANYE**

1.4 'Ukuba ndingafumana ithuba lokudibana noMongameli uGedleyihlekisa Jacob Zuma ...'.

Bhala isincoko. **[50]**

**OKANYE**

1.5 Iingozi ezindleleni. Bhala isincoko ngesi sihloko.



**[50]**

**OKANYE**

1.6 Inani labantwana abahlala ezitalatweni liyanda minyaka le.

Bhala isincoko ngesi sihloko. **[50]**

**OKANYE**


1.7 UMzantsi Afrika ongcono woluntu lonke lweli. Ingaba wonke ummi weli uyaxhamla kuMzantsi Afrika omtsha?

Bhala isincoko uvakalise izimvo zakho. **[50]**

**OKANYE**

1.8 Izinga lobundlobongela lithathe unyawo oko kwathi kwapheliswa isigwebo sentambo.

Bhala isincoko uxhase okanye uphikise ukubuyiswa kwesigwebo sentambo.



**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

### UMBUZO 2

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80 –100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 **INCOKO**

Umhlali wasedolophini uncokola nomhlali wasemaphandleni. Umhlali ngamnye kwaba babini uthethelela intlalo nobomi bendawo ahlala kuyo.

Bhala incoko yababini uchaphazele izinto ezifana neenkonzo zoluntu, ubudlelwane phakathi kwabantu, amathuba emisebenzi, ixabiso lenkcubeko, njalo-njalo.




**[30]**

**OKANYE**

2.2 **ILETA YOBUHLOBO**

Ubusemtshatweni omkhulu womntu owaziwayo kwiveki ephelileyo.

Bhalela umhlobo wakho ileta umbalisela ngalo mtshato.



**[30]**

**OKANYE**

2.3 **INQAKU LEPHEPHA-NDABA**

Ungusihlalo wekomiti yoxolo nokhuseleko esikolweni sakho. Kukho ukungavisisani phakathi kwabafundi nenqununu yesikolo malunga nokunyuswa kwentlawulo yesikolo.

Bhala inqaku lephepha-ndaba ucebise ngamanyathelo anokuthatyathwa ukuqinisekisa ukuba kulawula inzolo noxolo esikolweni sakho. **[30]**

**OKANYE**

2.4 **INGXELO**

Ubungomnye wamavolontiya kwimidlalo yebhola ekhatywayo kwiNdebe yeHlabathi eMzantsi Afrika.

Bhala ingxelo eya kuMongameli weFIFA ngomsebenzi ubuwenza nangezinto ozifundileyo.




**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Bhala umhlathana omfutshane ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60 – 80 umxholo kuphela. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Bhala isibhengezo-ntengiso sokulobela abafundi abatsha ukuba baze kufunda kwisikolo sakho. **[20]**

**OKANYE**

3.2 **IKHADI LESIMEMO**

Umzala wakho uphumelele isidanga sakhe kwelinye lamaziko emfundo ephakamileyo kweli loMzantsi Afrika. Uza kwenzelwa itheko lokuvuyisana naye. **[20]**

Bhala ikhadi lesimemo.

**OKANYE**

3.3 **IMIYALELO**

Umakazi wakho ufuna ukwenzela umntwana wakhe itheko lokuvuyisana naye emva kokuphumelela ibanga leshumi elinanye.

Bhala imiyalelo ofuna ilandelwe ekwenzeni eli theko libe yimpumelelo. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathana emide (30)
   ICANDELO C: Imihlathana emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha elitsha.

5. Yenza uyilo (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/ flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko. Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A, imizuzu engama-40 KWICANDELO B, nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

    UBUDE BEEMPENDULO

    ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-190 – 240 amagama

    ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80 – 100 amagama

    ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60 – 80 amagama


## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Usuku lokubhiyozela iindidi ngeendidi zenkcubeko ezikhoyo esikolweni sam.

Bhala isincoko ngokwenzekayo ngolu suku.



**[50]**

**OKANYE**

1.2 Ukubaluleka kweeselula-fowuni kule mihla siphila kuyo. Ingaba ubomi bethu buguquke bangcono ngokufika kwazo?

Bhala isincoko uvakalise izimvo zakho. **[50]**

**OKANYE**

1.3 'Amaphepha-ndaba neemagazini ziphelelwe lixesha ngenxa kamabonakude.'

Bhala isincoko uveze izimvo zakho ngolu luvo. **[50]**


**OKANYE**

1.4 'Ukuba ndingafumana ithuba lokudibana noMongameli uGedleyihlekisa Jacob Zuma ...'.

Bhala isincoko. **[50]**

**OKANYE**

1.5 Iingozi ezindleleni. Bhala isincoko ngesi sihloko.



**[50]**

**OKANYE**

1.6 Inani labantwana abahlala ezitalatweni liyanda minyaka le.

Bhala isincoko ngesi sihloko. **[50]**

**OKANYE**


1.7 UMzantsi Afrika ongcono woluntu lonke lweli. Ingaba wonke ummi weli uyaxhamla kuMzantsi Afrika omtsha?

Bhala isincoko uvakalise izimvo zakho. **[50]**

**OKANYE**

1.8 Izinga lobundlobongela lithathe unyawo oko kwathi kwapheliswa isigwebo sentambo.

Bhala isincoko uxhase okanye uphikise ukubuyiswa kwesigwebo sentambo.



**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

### UMBUZO 2

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80 –100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 **INCOKO**

Umhlali wasedolophini uncokola nomhlali wasemaphandleni. Umhlali ngamnye kwaba babini uthethelela intlalo nobomi bendawo ahlala kuyo.

Bhala incoko yababini uchaphazele izinto ezifana neenkonzo zoluntu, ubudlelwane phakathi kwabantu, amathuba emisebenzi, ixabiso lenkcubeko, njalo-njalo.




**[30]**

**OKANYE**

2.2 **ILETA YOBUHLOBO**

Ubusemtshatweni omkhulu womntu owaziwayo kwiveki ephelileyo.

Bhalela umhlobo wakho ileta umbalisela ngalo mtshato.



**[30]**

**OKANYE**

2.3 **INQAKU LEPHEPHA-NDABA**

Ungusihlalo wekomiti yoxolo nokhuseleko esikolweni sakho. Kukho ukungavisisani phakathi kwabafundi nenqununu yesikolo malunga nokunyuswa kwentlawulo yesikolo.

Bhala inqaku lephepha-ndaba ucebise ngamanyathelo anokuthatyathwa ukuqinisekisa ukuba kulawula inzolo noxolo esikolweni sakho. **[30]**

**OKANYE**

2.4 **INGXELO**

Ubungomnye wamavolontiya kwimidlalo yebhola ekhatywayo kwiNdebe yeHlabathi eMzantsi Afrika.

Bhala ingxelo eya kuMongameli weFIFA ngomsebenzi ubuwenza nangezinto ozifundileyo.




**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Bhala umhlathana omfutshane ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60 – 80 umxholo kuphela. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Bhala isibhengezo-ntengiso sokulobela abafundi abatsha ukuba baze kufunda kwisikolo sakho. **[20]**

**OKANYE**

3.2 **IKHADI LESIMEMO**

Umzala wakho uphumelele isidanga sakhe kwelinye lamaziko emfundo ephakamileyo kweli loMzantsi Afrika. Uza kwenzelwa itheko lokuvuyisana naye. **[20]**

Bhala ikhadi lesimemo.

**OKANYE**

3.3 **IMIYALELO**

Umakazi wakho ufuna ukwenzela umntwana wakhe itheko lokuvuyisana naye emva kokuphumelela ibanga leshumi elinanye.

Bhala imiyalelo ofuna ilandelwe ekwenzeni eli theko libe yimpumelelo. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**